

**Need an amazing tutor?**

[www.teachme2.com/matric](http://www.teachme2.com/matric)



Collected and collated by  
**teachme2**



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2024**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 100**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-17.**

**ICANDELO A: ISINCOKO****UMBUZO 1****Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli Candelo umviwa ukhetha isincoko sibe sinye. Xa ekhethe zazibini, makisha esokuqala.
- **QAPHELA:** Umviwa angabhala naluphi udidi ljesincoko ngesihloko asikhethileyo.
- Ubude besincoko bumele ukuba kwisithuba samagama ali-190 ukuya kuma-240.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo A ukumakisha esi sincoko.

1.1	Isihloko:	Loo nyaka awusoze ulibaleke kum!	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Makakhankanye iinkukacha malunga nalo nyaka athetha ngawo.</li> <li>• Angabalisa ngesiganeko esinye okanye eziliqela ezathi zehla ngaloo nyaka.</li> <li>• Angabalula okuhle okanye okubi okwenzekayo ngaloo nyaka athetha ngawo.</li> <li>• Makaxele isizathu sokuba loo nyaka athetha ngawo ungabi nakulibaleka kuye.</li> <li>• Anganika amava akhe nawakufundayo malunga naloo nyaka athetha ngawo.</li> <li>• Anganika isilumkiso malunga neziganeko okanye isiganeko saloo nyaka.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	

1.2	Isihloko:	Ukubaluleka kokufunda ezinye iilwimi	
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhwiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Inkcaza ngeelwimi gabalala.</li> <li>• Ukubaluleka kolwimi njengesixhobo sonxibelewano phakathi kwabantu.</li> <li>• Angakhankanya iilwimi ezisetyenziswa eMzantsi Afrika.</li> <li>• Angacacisa ngeendlela iintlanga ezahlukileyo eMzantsi Afrika ezincedakala ngayo ngenxa yeelwimi ezahlukileyo.</li> <li>• Makaveze uvakalelo lwakhe malunga nokwaziwa kweelwimi zaseMzantsi nefuthe elidalwa kukwazi ezinye iilwimi kwimpilo yabantu boMzansi Afrika.</li> <li>• Angavelela amaziko athatha inxaxheba kupuhliso okanye ekufundeni ezinye iilwimi neenjongo zawo kwiphulo labo lolu phuhliso.</li> <li>• Angachaphazel a iingxaki ezidalwa kukungazazi iilwimi zabanye abantu.</li> <li>• Makathethe ngezinto eziyinzozo kulowo ufunde wazi nezinye iilwimi.</li> <li>• Anganika imizekelo yeelwimi azaziyo neendlela okuthe kwamnceda ngazo oko.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	

1.3	Isihloko:	Ndandisithi ndiyamazi kanti ...	
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/angachaza/camngca/angavelela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Anganika inkcaza ngalo mntu awayesoloko esithi uyamazi.</li> <li>• Angakhankanya izizathu zokuba acinge ukuba uyamazi lo mntu athetha ngaye.</li> <li>• Makabalule okwathi kwenzeka ukuze akuthandabuze ukumazi kwakhe.</li> <li>• Angaxela indlela obachaphazeleka ngayo ubudlelwane bakhe naye.</li> <li>• Anganika isilumkiso esisukela kwimeko emalunga nokucinga ukuba uyamazi umntu.</li> <li>• Anganika amava neemvakalelo zakhe ngobudlelwane nabanye abantu.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezipemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	

[50]

1.4	Isihloko:	Isekho imfuneko yokunxitywa kweyunifom ezikolweni!
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/angavelela amacula amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Anganika inkcaza ngeyunifom.</li> <li>• Angakhankanya imvelaphi yokunxitywa kweyunifom ezikolweni.</li> <li>• Angakhankanya okukumaxwebhu karhulumente woMzantsi Afrika malunga nokunxitywa kweyunifom ezikolweni.</li> <li>• Kwimbono exhasayo: Angabalula ukubaluleka kokunxitywa kweyunifom ezikolweni azathuze.</li> <li>• Angakhankanya indlela iyunifom ingaluncedo njani ukunqanda ukuhleleka kwabafundi abathile esikolweni.</li> <li>• Angakhankanya ukuba idala ubunye phakathi kwabafundi besikolo.</li> <li>• Anganika imizekelo kulwazi olukhoyo nakumava akhe.</li> <li>• Kwimbono echasayo: Angakhankanya iingxaki ezithi zibekho xa kunyanzeliswa ukunxitywa kweyunifom ezikolweni.</li> <li>• Angaveza ukuthathwa kwelungelo lobuyena nokunxiba ngendlela ayithandayo.</li> <li>• Angabalula ukuba iyacalula kwaye ikhuthaza ukubukula ilungelo leqela elithile labantu malunga nesini.</li> <li>• Angakhankanya ukuchithwa kwemali kwiyunifom njengendleko engeyomfuneko endaweni kokusebenzisa iimpahla ezikhoyo.</li> <li>• Anganika imizekelo kulwazi olukhoyo nakumava akhe.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>

[50]

1.5	Isihloko:	Indalo iluncedo ebantwini kanti ikwayingozi	
	Imo efanelekileyo:	Intshayebole, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/angavelela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Makanike iinkcaza ngendalo.</li> <li>• Angakhankanya indima edlalwa yindalo ebomini jikelele.</li> <li>• Kwicala loncedo: Makakhankanye izinto ezenza ukuba indalo ibe luncedo.</li> <li>• Anganika imizekelo yezinto eziyindalo nendlela eziluncedo ngayo kuluntu.</li> <li>• Angaveza indima uluntu jikelele oluyenzayo kupuhhliso lwendalo ukuze ihlale iluncedo.</li> <li>• Kwicala lobungozi: Makakhankanye izinto ezenza ukuba indalo ibe nobungozi.</li> <li>• Angaveza iindlela uluntu olunokuzikhusela ngayo kubungozi bendalo.</li> <li>• Angaveza indima yoluntu ekwenzeni ukuba iindalo iphele inobungozi.</li> <li>• Makaqukumbele ngokushwankathela izimvo azibekileyo macala ze aveze olwakhe uluvo.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezssemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	

1.6	Isihloko:	Umviwa makanike isihloko sesincoko sakhe.	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/angavelela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Inkcaza ngezixhobo zokuzimamelela isandi ezindlebeni.</li> <li>• Uncedo lwazo xa sifuna ukumamela okuthile sisodwa.</li> <li>• Uncedo lokusebenzisa izixhobo zokuzimamelela isandi kwimisebenzi ethile.</li> <li>• Ubungozi kumntu osebenzisa izixhobo zokuzimamelela isandi esiphezulu kakhulu ezindlebeni.</li> <li>• Iingozi ezizezinye ezibangelwa zizixhobo zokuzimamelela isandi ezindlebeni, umzekelo, kungakwenza ungeva nto.</li> <li>• Lingcebiso onokuzinika uluntu jikelele ngokusebenzisa ezi zixhobo zokuzimamelela isandi ezindlebeni ngendlela ekhuselekileyo.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezipsemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
1.7	Isihloko:	Umviwa makanike isihloko sesincoko sakhe.	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/angavelela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• linkcukacha ngongcoliseko lwendalo gabalala.</li> <li>• linkcukacha ezibhekiselele kulwandle.</li> <li>• Inkunkuma nongcoliseko lwendalo/ungcoliseko lwamanzi.</li> <li>• Angakhankanya ukubaluleka kokugcina ulwandle lucocekile.</li> <li>• Ubungozi bongcoliseko lweelwandle kwindalo ephila kulo.</li> <li>• Igalelo labantu elibangela/ elithintela ungciliseko lwamanzi.</li> <li>• lingxaki zezoqoqosho ngenxa yongcoliseko lweelwandle.</li> <li>• Ifuthe longcoliseko kwiintsapho nakubakhenkethi.</li> </ul> <p>(Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo isihloko.)</p> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezipsemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	

1.8	Isihloko:	Umviva makanike isihloko sesincoko sakhe.	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhwiyo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
	Umxholo:	<p><b>Umviva angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Anganika inkaza ngonxibelewano lwetekhnoloji.</li> <li>• Angathetha ngeselfowuni njengesinye seziyhobozonxibelewano.</li> <li>• Angakhankanya iindidi zeeselfowuni nendlela ezisebenza ngayo.</li> <li>• Makanike ingcaciso ngendima edlalwa ziiselfowuni kwimpilo yabantu kule mihla.</li> <li>• Angakhankanya uncedo lwazo ekufikeleleni kwiindawo ezithile nasekufuneni imisebenzi.</li> <li>• Angakhankanya ukuba zingasebenza njengezixhobozokhuseleko.</li> <li>• Angabalula okuhle nokubi malunga neeselfowuni.</li> <li>• Angakhankanya ukuphela konxibelewano olukukuthetha/incoko/ubudlelwane phakathi kwabantu abahleli kunye ngenxa yeselfowuni.</li> <li>• Anganika amava akhe malunga noncedo okanye ingxaki ayifumana ngenxa yeselfowuni.</li> <li>• Anganika iingcebiso malunga nendlela yokusebenzisa iiselfowuni kwiindibano zolutsha.</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	[50]

**IIMPAWU ZESINCOKO**

Isincoko esibalisayo sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.

- Masisebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimyo.
- Masibonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandeelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/sokuggibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.

Ulwimi olusetyenzisiwego malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

Isincoko esichazayo sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.

- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, izihlomelo, nezipuhlisayo ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.

Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

Isincoko esicamngcayo:

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becalo esi sincoko siyacamngca. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza nokuzoba imeko ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, nezipuhhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho).

Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunya nokubandakanya.

Isincoko esioxoxela icala elinye:

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
  - Uthotho lweengxoxo-oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
  - Ukubethelela-isishwankathelo nokuphindelala kwinkczelo engolovo oluthile lokuvula.
  - Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
  - Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

Kwisincoko esivelela amacala omabini

- Inkcazelu inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela ulovo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe ulovo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma enika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphele – ingasisishwankathelo neengcebiso.

Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

**AMANQAKU ECANDELO A:** **50**

**ICANDELO B: UMHLATHI OMDE****Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye. Ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omde mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo B ukumakisha lo mhlathi.

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

- Idilesi inye yeyomntu obhala iletu.
- Isibuliso – sesifanelekileyo, iletu iya kumhlobo wakhe, ambize ngegama.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhalela umhlobo wakhe.
- Umxholo mawube malunga nokukhalazela ukungaphumeleli komhlobo wakhe kwitheko lomhla wokuzalwa kwakhe.
- Kwisiphelo kubhalwa igama kuphela.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

**[30]****2.2 ILETA ESESIKWENI**

- Idilesi zimbini eyomntu obhalayo nalowo ubhalelwayo.
- Isibuliso – sesisesikweni- umzekelo: Mhlekazi obekekileyo.
- Umcimbi/umba – xa ubhalwe ngoonobumba abancinci ukrwelelwa umgca.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhala iletu esesikweni.
- Umxholo ngowokuncoma impatho entle ayifumene kubasebenzi bemanejala yerestyu ebeyokutya kuyo.
- Isiphelo seseleta esesikweni – igama nefani zibhalwe ngokupheleleyo.
- Ulwimi malube lolusesikweni.

**[30]****2.3 INQAKU LEMAGAZINI**

- Isihloko masibe nomtsalane sidlwengule umxhelo.
- Igama lomntu obhala inqaku malivele.
- Makuqalwe ngesizathu sokubhalwa kweli nqaku; Umxholo mawube malunga ngokulahleka kwabantwana kwiindawo zikawonke-wonke ngexesha leeholide zikaDisemba.
- Isimbo sokubhala singaba sesichazayo nesikhatshwa zizafobe ukutsala umdla.
- Amagama, iindawo, amaxesha obume bendawo kunye nezinye iinkukacha ezifunekayo mazifikwe kwinqaku elo.
- Malibhalwe ngokweekholam.
- Makusetyenziswe ulwimi olufanelekileyo.

**[30]**

## 2.4 INTETHO ENGEKHO SESIKWENI

- Mabakhankanywe abantu abaza kuba bekho.
- Mayivele imo yesithethi novakalelo Iwaso.
- Usuku, umhla nendawo ekwenziwa ngayo intetho maluxelwe.
- Iinjongo zentetho mazicace.
- Umxholo mawube ngamazwi enkuthazo avela kumphathi kwayala njengoko ilungiselela ukhuphiswano oluzayo.
- Ulwimi malube lolungekho sesikweni.

[30]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 30

**ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE****Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli cadelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye, aze athi ukuba ukhethe yamibini, umakishe owokuqala.
- Ubude bomhlathi omfutshane ngama-60 ukuya kuma-80 amagama umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi.

**UMBUZO 3**

3.1

**IPOWUSTA**

- Makulandelwe ifomathi efanelekileyo.
- Okubhaliwego kwipowusta makucace, kunike umdla.
- Mayicace ukuba ipowusta ijolise koobani.
- Makuvele umhla nexesha oza kuqala ngalo umcimbi.
- Makuvele iinkukacha zalo mdlali-macwecwe kuxelwe nezinto ezitsala umdla ngaye.
- Iinkukacha malunga nohlobo lomculo awudlalayo, mazivele zonke. [20]

3.2

**UNGENISO KWIDAYARI**

- Ibhala kumntu wokuqala, kusetyenzizwa izakhi oo- 'ndi'.
- Mayibe lolweentsuku ezintlanu.
- Umhla nexesha lokubhala libalulekile.
- Umxholo mawube ngowokulungiselela umdaniso webanga leMatriki.
- Akunyanzelekanga ukuba imihla ibe yelandelelanayo.
- Imizwa neemvakalelo zinokuvakaliswa.
- Umviwa uvumelekile ukuba asebenzise nolwimi olungekho sesikweni. [20]

3.3

**IMIYALELO**

- Mayibe malunga namalungiselelo okhenketho.
- Makuvele izinto ekunyanzeleke ukuba abe nazo phambi kohambo, ezihambelana nenjongo yokhenketho.
- Imyalelo mayicace gca, kusetyenziswe isiyaleli ubukhulu becalo.
- Makusetyenziswe imo evumayo ubukhulu becalo. [20]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 100

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko zephepha lesi-3, ICANDELO A.
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhrayitheriya yoMxholo, uLwimi neSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi yanemimandla yamanqaku ahambelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhrayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

**ISIHOMELO A: IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU]**

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b> (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko <b>30 AMANQAKU</b>	<b>28–30</b> -Impendulo ebalaseleyo enomsalane, ngaphaya kobekulindelekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayebolelo, isiqu kwakunye nesiphele zibonalisa unamatelwano olunemfezeko	<b>22–24</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -Lingcamango zibekelwelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphele	<b>16–18</b> -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo -Lingcamango zibekelwelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphele	<b>10–12</b> -Impendulo ingena ipuma emxholweni akukho lunamatelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamatelwano lweengcamango	<b>4–6</b> -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azingqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye -Lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibeletwano
	<b>25–27</b> -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekelle phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -Lingcamango zibekelwelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayebolelo, isiqu kunye nesiphele	<b>19–21</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla -Sibekelwelwe ngobuchule, kukho ukunamatelana kweengcamango okuquka intshayebolelo, isiqu nesiphele	<b>13–15</b> -Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile -Kukho ukunamatelana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa -Kukho ukubekelwelwa kweengcamango nonamatelwano kwintshayebolelo, isiqu nesiphele	<b>7–9</b> -Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becalo -Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziyabhidisa -Buyanqaphazeka ubungqina bokubekeloleka kweengcamango nonamatelwano	<b>0–3</b> -Impendulo itenxile malunga nomxholo -Izimvo zitenxile zingcwecwela kude nomxholo -Lingcamango ziyingxubevange engenamgqalisela

**IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU] (isaqhube)**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>ULWIMI, ISIMBO &amp; NOKUHLELA</b>	<b>14–15</b>	<b>11–12</b>	<b>8–9</b>	<b>5–6</b>	<b>0–3</b>
Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kanye nemeko Ukhetho-magama Ukuseyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo	<b>Umgangatho ongentia</b>  -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokugqwesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyathabathekisa -Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneka kwisincoko siphela -Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopelo zinqongophele -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi olufanelekileyo ludlulisa umyalezo -Ithoni ifanelekile -Izafofe zentetho zinonga umxholo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncum nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka -Ithoni nochongo magama azifanelekanga -Isigama sinqongophele	-Ulwimi aluvakali -Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Ukunqongophala kwasigama kubaxe kile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliwego
<b>15 AMANQAKU</b>	<b>13</b>	<b>10</b>	<b>7</b>	<b>4</b>	
	<b>Umgangatho ongezantsi</b>  -Ulwimi luchanekile kanye nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kanye nopelo -Sixonxwe ngobugcisa	-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba -Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiweyo zinqongophele	-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa -Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo	
<b>ISAKHIWO</b>  limpawu zetekisi Ukuhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi	<b>5</b>  Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqisiswa ngokugqwesileyo	<b>4</b>  -linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo	<b>3</b>  -linkcukacha ezisemxholweni zikhulisiwe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	<b>2</b>  -Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	<b>0–1</b>  -lingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
<b>5 AMANQAKU</b>		<b>43–50</b>	<b>33–40</b>	<b>23–30</b>	<b>13–20</b>
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>					<b>0–10</b>

**ISIHLOMELO B: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE– ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [30 AMANQAKU]**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>	<b>15–18</b>	<b>11–14</b>	<b>8–10</b>	<b>5–7</b>	<b>0–4</b>
Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kanye nemeko  <b>18 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo -Izimvo ziqaqisisiwe kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni -Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi Iwetekisi -Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokugwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki	-Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi lweempawu zolu didi Iwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe ngokungaqondi -Kutyeshelwe izinto ezininzi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi Iwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhlulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>	<b>10–12</b>	<b>8–9</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kanye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Uchongo magama limpawu zokubhala kanye nopolو  <b>12 AMANQAKU</b>	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becalalukho zimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sihambelana nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -limpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani ncam nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Singongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani kwaphela nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala -Isigama asifanelananga nenjongo -Intsingiselo ilahleke kakhulu
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>25–30</b>	<b>19–23</b>	<b>14–17</b>	<b>9–12</b>	<b>0–7</b>

**ISIHLOMELO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye	
<b>UMXHOLO</b>	<b>10–12</b>	<b>8–9</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>	
<b>UKUCWANGCISA NEFOMATHI</b>	-Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo -Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza -Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kwenzenka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaondi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo. -Intsingiselo iduka kwisakhwi esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe	
<b>12 AMANQAKU</b>	<b>7–8</b>	<b>5–6</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>0–2</b>	
<b>ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>	Ithoni, irejista, isimbo, nesigama singqamene nenjongo kanye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Ukhetho- magama lmpawu zokubhala kanye nopelo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becalala azikhoo iimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga ncum nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga kwaphela nenjongo, imeko kwakanye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekile kakhulu
<b>8 AMANQAKU</b>	<b>17–20</b>	<b>13–15</b>	<b>10–11</b>	<b>7–8</b>	<b>0–5</b>	
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>						